Isalathiso: 20170804-3577
8/7/2/1/2/2
Imibuzo: Philip Nieuwoudt

ISetyhula: 0038/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli abakwii-ofisi zezithili, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi Beesekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa ngesistim* i-*School Emergency Maintenance Management Information System, eyi-aplikheyishini entsha ekwiCEMIS, ethatha indawo yenkqubo yangaphambili yokuripota ngezilungiso ezingxamisekileyo.*

Isihloko: Uqaliso lwe-*School Emergency Maintenace Management Information System* (*SEMMIS*)

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lize ne-*School Emergency Maintenance Management Information System* (*SEMMIS*) eyisistim yasekhompyutheni ekwi*Central Education Management Information System* (*CEMIS*).

2. I-*SEMMIS* iya kuthatha indawo ye-*WCED 004 form* esetyenziselwa ukuripota iikheyisi zezicelo zolondolozo ezingxamisekileyo kwaNdlunkulu.

3. Ukususela nge-01 Oktobha 2017, kucelwa izikolo zifake ekhompyutheni izicelo zezilungiso zolondolozo ezingxamisekileyo zisebenzisa i-aplikheyishini ye*SEMMIS* ekwi*CEMIS*.

4. Kuya kunikwa imiyalelo kwiqonga le*CEMIS* ngendlela izikolo emazifake ekhompyutheni yaye zisayinele ngayo izicelo zolondolozo ezingxamisekileyo.

5. Izikolo kuya kufuneka zisebenzise iimali zolwabiwo zazo zemimiselo nemigangatho (*N&S*) *funds* kuzo naziphi izilungiso zolondolozo ezingxamisekileyo ezinganeno kwe-R10 000. Kubaluleke kakhulu ke ngoko ukuba izikolo zizilawule ngociciyelo iimali zazo ze*N&S* ukuqinisekisa ukuba zikhona iimali ezaneleyo zezo zilungiso zingxamisekileyo.

6. Kunokuqhagamshelwana nalo mntu ulandelayo xa kungenzeka kufuneke uncedo ngethuba lokufakwa kwengcaciso ekhompyutheni:

   Nicholas Sutcliffe (ifoni: 021 467 2568) okanye kuthunyelwe ngedilesi ye-imeyili Nicholas.Sutcliffe@westerncape.gov.za.

7. Kucelwa wazise okukule setyhula wonke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-09-28